

Imvo Zabantsundu

(NATIVE OPINION.)

Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories.

IXABISO 3d.]

KING WILLIAMS TOWN, NGOLWESI-NE, NOVEMBER 20, 1890.

[No. 314

KING WILLIAMSTOWN ADVERTISEMENTS.

Beauchamp, Booth & Co.

(EBIYEKA J. J. IRVINE & CO.)

Ivenkile YE MPAHLA EZIBUHLUNGU NGA-MAXABISO ANGATSHIPU.

ITYALI—Zintle kodwa ziyahlwa, ziqala kweze 4/6 to £2 inye.

I PRINTI ezi "best" ezihlanjwayo 6d. yard.

Edluliseleyo itshipu i Satin Emhlope ne Cream i Muslin yokunxiba enemigca 4½d. yard.

I Satin Ezimhlope nezi Cream, 102d., 1/-, 1/6 nge yard.

Ingubo Zabatskakazi ezenziwa nge zintsha ifashini.

Iflawa Zabatskakazi. Izigubungelo Zabatskakazi.

Ingubo Zokutshata Zamadoda, Izitofu zokwenza Ibhulukwe Zokutshata Ziyasikwa.

Ibhatyi Ezimnyama ezi "best" Zetwidi.

Yizani kuzibonela ezimpalila ngokwe-nu Ngapambi kokuba nitenge napina yiyani. ko

BEAUCHAMP, BOOTH & CO.

E-QONCE, KINGWILLIAMSTOWN.

KWABAZA KUTSHATA

KANIPOSE AMEHLO APA!

Nitini ngesisivato Somtshato esitungwe kwa

PASCOE (kwa "POLOKOCO,")

Kir gwilliamstowr. Yixeleni into embi kuso, ukuba iko



ITYALI ZETU—TJYEVA? ESPECIALY ezabatskakazi. Ningalibali- PASCOE (kwa Folokoco), ngezantsi kwetyalike ye Ricotti, e Qonce, apo nom'bona kona SALUFU.

AMAFANDESI KA J. D. ELLIS.

UMTETELI-FANDESI U ELLIS utengise Qonce yonke imihla emva kwe Malike yakusasa—ngo Mgqibelo kuhlala kuko Impahla yokufuya etengisayo.

Atnafandesi ake Impahla Ehambayo alako

E-MTONJENI, K.EI ROAD ngolwesi-TATU Iwesibini ezinyanga zonke.

E-TOLENI (DOHNE) E CUMAKALA ngolwesi-TATU Iwesine zonke inyanga.

Kuyo yomihini lemisito Abatengayo banokufu- mana Igusha ne Nkomo.

Bonke abezisa impahla yabo kuye ukuba ayitengise bangahlala besazi ukuba baya kufumana awona maxabiso alungileyo.

Kobhalelayo: J. D. ELLIS, Auctioneer,

Kingwilliamstown.

EKA GRAY
Incindi Epitikeziweyo

LINSEED NE

HOREHOUND,

Lelona Yeza le NKOHLOKOHLLO INGQELE, nazo zonke Izikuhlane zo MQALA ne MIPUNG- A.

1/6 NGE-BHOTILE.

2/- LITUNYELWE NGE POSI.

Ngamanani Nanganye kwa

P. GRAY, Chemist and Druggist,

CAMBRIDGE ROAD,

KING WILLIAMS TOWN.

ABATSHATILEYO.

MAYEZA-GWASHU. — Kutshatiswe e Kimberley, ngu Rev. Jonas Conjwa, nge 28 October, 1890, u PHILIP J. MAYEZA, unyana omkulu ka Jon. Mayeza, no EMMA GWASHU, intombi yokugqibela ka John Gwashu, yase Tyume. 3t2011 ;

ABAZELWEYO

LOKWE.—E Goshen ngo 2nd November, 1890, u Mrs. J. S. Lokwe ufumene INTOMBI.

ABALAHLEKELWEYO.

Amahashe! Amahashe!
NDIHLAB'UMKOSI mawetu wamahashe Zinkabi zimbini, enye LIGWANGQA elide, linekolwina encinci, nomtshiso S.M. Enye yiponi EBOMVU, etive tshivi. eyekohlo indlebe, ikwa nomtshiso S.M. Alahleka e Goso. Olandisileyo ndomvuzwa ngovuyo olukulu. Abhalele ku P. S. MAZWI, care of Mr. R. Viedge, Tabase, Umtata. 20

IGAMA! IGAMA!!

O CHARLES B. ZWAARTBOOI ' no STEPHEN B. ZWAARTBOOI, base Cookhouse namhla baya liguqula igama bango "SOXUJWA." 3t2011

IHASHE! IHASHE!

NDILAHLEKELWE lihashe lam ELIBOMVU elibubhene, linekolo, line bala elimhlotshana empumleni, lineqina elimhlope ngasekohlo ngemva, linempawana ezimbini kwangasekohlo endlebeni, linesinci ceikulu ; nxa lihamba likwelwe ungati lino nyonga, kwangase kohlo, kanti hayi ; nxa lipala ligoba intloko ixesha lonke ngapandla kokuba liyabaleka ; liyakwazi ukubaleka kakulu kwano kuqhusha, angade enele pambi kokuba lipale kupela, amaqina liwatata kakulu liyigobile intloko ixesha lonke likawuleza. Wovuzwa ondilandisileyo.

THOMAS MQEDAZWE,
4t2711 Healdtown, Fort Beaufort.

EDWARD T. JONES,

(Obefudula ekwa Attorney R.

W. ROSE-INNES.)

UNGU MTETELI-MATYALA,

Umbhali we Mvumelwano, no Mguquli- Magama Etaitile.

E KOSTAD,

EAST GRIQUALAND.

Isalatiso sokubhalela u

Mango Nyati,

c o H. Burls, Esq.,

Brakpan, P.O. Boksburg,

via Johannesburg, S.A.R.

CH. FRIEDRICH'S'

(YEMA NGO 1858),

UHLALA ENAYO ININZI

Impahla Etengisayo,

Ziswekile-kofu, njalo-njalo, Impahla Yendlu, Ingubo, Ubuqeleqele, Eye gilasi, Into zokudlala inisapo, njalo-njalo.

IMBEWU zika SUTTON zezityaloZ st21U
Zegadi.

UNYAMEKO KWA BAMNYAMA

UKUTETELA Amatyalu, Imicimbi Yimihlaba,

Ukubhala Iminqopiso Lwenziwa ngo

HOWARD & WEBB,

Emva kwe Zitola zo BAKER, BAKER & CO.

E-QONCE

DYER AND DYER
KING WILLIAMSTOWN.

IMPAHLA EZINTSHA,

(Ngo Stemele bonke).

Ibhulukwe zamadoda ze Flannel emhlope ziqalela kwi 7s. 6d. nge par.	
Ibhatyi " Zelanga zelinene "	7s. inye.
Ibhulukwe " " "	5s. nge par.
Ibhatyi " Zehlobo ze Holland "	4s. 6d. inye.
Ihempe " ze Tennis "	2s. inye.
Ihempe " Ezimhlope "	3s. inye.
Ihempe " Zokusebenza "	1s. inye.

IMINQWAZI YOBOYA, IMINQWAZI YE STROYI, IMINQWAZI YE STOFU,—Intlobo-ntlobo—yamanani onke.

Zonke intlobo zengubo Zamakwenkwe, Zabafana, nezamadoda.

Ibhulukwe zekodi ezisikiweyo ziqalela kwi 6 nge par.

Impahla Entsha, Amapini, Ibhola, ne Net ze Tennis ezisand' ukwamkelwa.

IMPAHLA YE BHOLA.

IBATI, IBHOLA, IZINTI,—EZONA ZITSHIPU E KOLONI,—ZININZI

ZENZIWE NGABONA BENZI

GQALA.—I Club ziteugiselwa ngamanani elungelo.

Isuti zamadoda ezisikiweyo ziqalela ku 50s.

(Iziziba nento zokuzimcjela, zinikwa ngesisa kozifunayo).

Intlobo ezihleliweyo zokucitshwa, ze Zitofu, ze Diagonal, ze Serj, Zszitofu ezitofotofu, ze Kodi.

Umsebenzi, uhlobo, kwanokummila umntu,—

Kungabekelwana ngako.

IVENKILE ETSHIPU E KOLONI

DYER NO DYER,

KING WILLIAMS TOWN.

f2310

UKUBA

UFUNA elona xabiso lilungileyo nge NQHOLOWA,

UMBONA, AMAZIMBA, nokuba ZITAPI-

LE

ufuna IMBEWU ELUNGILEYO yokuhlwayela.

Ufuna owona MGUBO, nokuba zinkozo ezilungileyo zokutya.

Ufuna IMPAHLA yako ngentengiso nokutenga e Marikeni

TUMELA okanye EYE

GILBERT FOX AND SON,

MARKET SQUARE,

KING WILLIAMS TOWN.

TRANSKEI ADVERTISEMENTS.

BANTSUNDU! BANTSUNDU!

U GRUBB wase GCUWA

UYANI-BHOTISA.

KE ngoko abati ufudukile bano lwimi. Abatandabuzayo mabeze kuzibonela ngawabo amehlo.

Abanemilanga mabeze kunyangwa ngomchiza wake, bayakuvuyiswa kukumbona. Lingani amayeza ake ezikuhlane zonke—Ayazeka.

IMABUPELE UBUNCOKO.

Kanize nje, nizekubona impahla ka GRUBB. Ilokwe zokutshata i *Ready Made* neziyimicako. Ilokwe zokutshintsha—i Printi, i Kaliko, i Zihlangu (ezizitende zic'opileyo) Intlotyana zonke zempahla yokutshata, nezokunxiba nje kodwa.

Eyamadoda—Onzonza, ne Bhatyi, i Suti, i Minqwazi, i Bhatyi zokwaleka Nentlobo zonke ze ngubo zamadoda (*ezo kutshata nokuhomba*).

I Kofu, i Swekile, i Ti, ne nto yonke. Kwanempahla yaba Bhexeshi.

ELOKUQOSHELISA.—Ungawalibali amayeza ake, aselenqhiuwe ukuba angawo.

T. E. GRUBB,

BUTTERWORTH.

GIBBERD no BRYANT.

ILOKWE ZOKUTSHATA.

ISATIN EMHLOPE NE CREAM.

25s, 30s., 40s., 50s., 60s.

ILOKWE ZOKUTSHINTSHA (Amabala onke)

25s., 30s., 40s.

IMINQWAZI YOKUTSHATA.

5s., 6s., 7s., 8s., 10s.

AMAGQABI ABATSHAKAZI.

Is. 6d., 2s., 2s. 6d., 3s., 4s. 5s.

IZIGUBUNGELO ZABATSHAKAZI.

3s., 3s. 6d., 4s., 5s, 6s , 8s.

IONDILOKWE EZIMHLOPE.

Is. 6d., 2s., 3s., 4s. 5s.

I CHEMISES.—Is., Is 61., 2s., 2s. 6d.

EZE 6d. — I-PRINTI — EZE 6d.

Amabala Amatsha.

GIBBERD and BRYANT.

Iveki.

NGESIPANGO esiwe e Beaconsfield ngo-Iwesi-Bini lwegqitileyo kubulewe abantu abantu abamnyama ngumbane. Ifestire zapuke ku nene.

U JOSIAH umfo ontsundu ugqwelwe ukuxhonywa e Kimberley ngokuhlaba omnye ongu Isaac entliziyweni.

IZULU lidlale e New Castle e Natal kwi mambancemnyama kwanakwi nkabi ye ' nkomo ngobusuku bo-Mvulo ongapaya.

IHOTELE yamanene yase Johannesburg ekutiwa yi President Club, itshe nge Cawa ongapaya.

U MR. G. PIERS imantyi yase Nyara, obebuhlungu uqubela ebutheleni.

KWIFAM ka Mr. Hill ngase Rini kuko inkomo ezele inkonyana entloko mboni onomsila ombhaxa. Iqangqululwe kufunyenwe imibini imiqolo, imbambo izezenkomo ezimbini, intliziyo zimbini kwangokunjalo amapapu nenyongo. Ayipilanga xesha lide.

U REV. J. W. THOMPSON wase Batburst uke wanetuba elele yingozi yokuya ehasheni ebevela e Sundwana ngobusuku.

U MASENTILE obegqwelwe ukuxhonywa ulinge ukubaleka entolongweni yase Mtata. Kutiwa indlu abekuyo ibingeyiyo cyomelelyo. Epumile eboshwe ngemixokelelwane wive Isentile elusike lamdubula lapula umlenze wokunene, enye itsho edolweni ekohlo, enye yemka nenwcele, ekubonakala ukuba uya kuxhonywa selengasemntu.

U CHAS. CHRISTIAN owadubula u Alfred Weels e Kapa ugqwelwe ukuxhonywa.

UNYULO Iwe Palamente obelinsand' ukubako e Somerset East luzake lucikidwe ngamatyala amakulu. U Mr. Palmer, bokumbula abalesi wangena ngevoti ezimbini ngapezulu kwezika Mr. Moolman. Elinene lasala nenitsho libona ukuba i kuko amawokoko evoti kwimani lika Mr. Palmer angati ekwelelisiwe kungene lona.

NGE-SABATA ongapaya kudule pezu kwesixeko sase Rini isicoto esimatye kutiwa abangamaganda enuku. Ngapaya kokuba lityobo ifestire kutiwa amatye adale amaroba kwintungo yendlwana yendawo akudlalwa kuyo nakwezinye izindlu ezifulelwe nge sleti.

IFAMA elingu Mr. Van Niekerk, lase Vrede, Free State ubeke £70 imali ayakuyinka nabanina oyakwenza awona magama maninzi atetayo esi Ngesi ngamagama ngamanye egama u Constantinople.

AKUBON' ukuba ugwebe ukuba axhonywe umfo obedlwendule, u Judge Turnbull ute ulindele ukuba i Ruluneli iyakusiguqula esisigwebo. Ute ngendawoyokuba lomteto wamiswa ngexesha lobushushu waye uyinyanzela i Jaji ukuba igwebele ekufeni, kanti esosigwebo asisakuhanjiswa. Lonto iyeyokuhlisisa iwonga le Jaji.

I BHULU elingu Gert Bezuidenhout libanjwe selise Klerksdorp ngokwenza amacebo obumenemene ukufumana imali kwisitoro sase Johannesburg. Litata umtvalo e Kimberley lilike libolekwe £52 eliyakuyibuyisela e Johannesburg. Endleleni liguqula u 5 weseheke limenza u3; lamkeliswe ke into engapezu kwemfanelo. Seyiqondwa selemkile inkohliso.

U REV. GEO. WEAVIND, oyena mfundisi ungomkulu wase Wesile e Johannesburg usasinga kwelama Ngesi ukuya kupumla ixesha lonyaka. Iramente imbulise nge £80.

EKUFENI kwenyanga efileyo kubanjwe abafana ababini ba Maxhosa ngokupanga umlungu e Appiesdraai ngapandle kwe Bhofofo. Bamlandela epuma esixekweni bebatatu, bati kulendawo bacela imali ! necuba, ate akulandula waseleyeka omnye entloko watsho wawa isiduli.

UMFUNDISI omtsha wama Bhulu ase Kobonqaba (Adelaide), u Rev. W. J. Malan, B.A., utikekulowotni wamkelwa ngovuyo ngabantu bakona ngo 1 Nov.

UDLWE inkomo eziliwaka linamakulu mahlanu Unkosikazi Umjaji nabantu baka ngemfazwe ayiqale nama Bhulu. ! Njengokuba ecela uxolo selerole inkomo ezingamakulu amahlanu.

ingqinwa ngu Mr. INNES, waye no Rulumeni ngokwake oyisekile kuba engazanga weva simbonono sibhekiswa kuye sipuma kwezondawo. Ekutiwa ke kunizi wakowetu omele i Qonce nganina ukuba niyimangale into otonyalalisiwevo viyo umzi onjengose Ngqushwa. Ilbilixesha ukuba usuke wonke ngengcingo ku Rulumeni umzi onganlisiweyo ngo Nobhala upikise okukutyolwa. Tina apa e Qonce bakumiswa singavutwanga ngabo, yaye lonto singxakuyilibala ngamaxesha azayo. Asisakubalibala abantu abasisvisa obu bubu.

Impawana.

KWIZIHLORO ZETU.

NGAMATYALA E " Mvo."

NGENXA yenguqulo eziya kwenziwa ekushicilelweni kwepepa ngonyaka ozayo BAYABONGOZWA bonke abahlobo abanamatyala kwi " 51 vo ukuba baqoshelise kwangoku ukuhlala besisa ekupeleni ko NYAKA lo.

J. TENGO-JABAVU. 23 October, 1890.

ULAULO Iwama Putukezi e Delagoa Bay lungeniswa kwelo abamhlope abavelakwelabo e Yurop. Batika ngamaqela ekulu nangapezulu, baye abasebetikile besewakeni clinamakulu amane. Befikile kona bafumane bagalelwe ukuba bazibone. Elo lama Putukezi asizwe laka lasetyenzwa, emakube kokona kuzakuqalwa ngoku.

SIYAWUNCOMA umoya wokuvelana ngobuhlanga wababela letu bomandla we Burghersdorp ukuzinika inkatazo ukuba umcimbi wokudutyulwa kuka Arosi, umfo omnyama, li bhulu u Van der Walt, usondezwa entetweni ekubeni ube use ubetiswa ngomoya. Bangene kwindleko yokuputuma u Mr. B. W. Rose-Innes kulwa e Qonce, otume u Mr. C. Bose-Innes ukuya kwuteta lomcimbi obumele ukutetwa ngolwesi-Bini lwaivekile. Batanelwe kupumelela ngokuyakuti kubanelise abantu bakowetu.

KWEZOCINGO ezivela Pesheya abalesi bayakufumana indaba ezimbi zokungqubana kwe treni ngase Taunton, ekufe abantu abasixenxe, bangxwelerwa abanye. Enye iwe ibitwele ixenye vabantu abasikekele u gomkombe eyi " Norham Castle." Unyana ka Rev. G. Mbongwe u Mr. Titus Mbongwe, wase Horton, obesiya e Amerika ngemfundo waye ekwile kulomkombe. Akuaicile ukuba unxayipina yena kulembubho,—kuba kumagama abafileyo nakuba liko igama lika Titus, kusuka kutiwe ngu Bayliss. Elase Bhai i *Telegraph* yona iti lo "Titus Bayliss ngulonyana ka Mr. Mbongwe. Liti ngaye: " Pakati kwabatilweyo kuko igama lika Titus Bayliss, umntu omnyama, obesemnyango wempilo etemisibayo kweziveki zintatu zigqitileyo. Uyindoda apa, ukuba asiposisi, eyatsala intliziyo ka Mr. McAdoo, Umpati we Jubilee Singers, watunyelwa nguye ukuya kufunda kwenye ye College zase Amerika eyazekayo. Ushizana olungu Titus lwemka kweli luyindoda echayitileyo, ebonakala iyakuba nentsikelelo abangenayo abanye abantu bakowayo ngetuba lamalungelo. Makabe ubekangele kwixesha lokubuyela e South Africa ukuba kuba ngumfundisi nomkoleli wabohlanga lwake. Isipelo sake sibe sesiluzi." Lendawo yokufa kuka Mr. Mbongwe ayihlambululekile kanye, esingavuyi kunene isipumo sayo ikukuba abe usindile. Sitsho ngalendawo: kuluhlu lwabahambe nge Norham Castle ungene ngegama lake kakuhle u Titus E. Mbongwe, yaye iko enye indoda engu John Bayliss. Lendawo ibanga obubudidi kukuti igama lika Titus lilunge no Bayliss. Umzi wonke uyakunqwenela ukuya ukuba usindile.

EZA PESHEYA KOLWANDLE.

Kute nga Sabata itile into abati ngu Edward Easton, yazidubula pakati kwe tyalike eyi St. Paul's, e London xa kuhnjiswa inkonzo.

Ipapa lase Chicago kwelase Amerika lixela indaba zokufa kosana olunyanga ntantatu ngendlela engumngaliso. Kutiwa ukufa ku bangive yimazi yekati, ekutiwa itike yawutsala ngempumlo umpemfumlj womutwana. Lekati ibitandwa kunene kulomzi yaye ibisondezwe ngabom emntwaneni ukuba imouwbabise, suka yezuza oku.

U Mr. Arthur Barkly, unyana womnumzana owayeke eyi Ruluneli yeli u Sir Henry Barkly, ubuhlele. Ubesand' ukushiya isihlalo sobu Buluneli base Heligoland, isiqiti esinkelwe kuma Jermeni ngu m'buso we Nkosazana. Apo aziwa kona kakulu u Mr. Barkly kweli kuse Lusutu apo wayeke wapata isihlalo sobumantyi.

Isihelegu esoyikelayo sihle entlanganisweni yemuselelo ebikwindlu enkulu yenlanganiso yama Wesile ese Manchester, u Rev. James Chalmers, M.A., uti, emi ebalisa ngento ekufuneka zenziwe ukuhambisela pambili Ilizwi kweso siqingata, esatete ishumu le miniti, avakale esiti, " Ndicinga ukuba kwanele endikutetileyo, abonakale etyafa eyakuwa ngobuso. Unqakulwe limene elibe lileli kufupi, walisiswa pezu kwesitulu, wafa kwangeloxesha engabanga senza zwi. Ube ngumfundisi imnyaka emashumi matatu anesibhozo.

Imvo Zabantsundu

NGOLWESI-NE, NOV. 20, 1890.

Ukubandezelwa Komzi ose Qonce.

KUBI kuthi namhla, kuba kizakonakala nje namhla intlalo yomzi wakowetu omele i Qonce ngetuba lo Nobhala, wonakaliswa ngabo sibe sisiti bangabahlolo babantsundu embusweni. Asitsho ukuba sibe siposisile ngokubaxhasa kwimini ezigqitileyo ngendawo yokuba sibe sitsalwa ngamabala enyaniso abebewaneka : waye engaposisi ke umntu ukuzinikela ukuba akokelwe bubulungisa nayinyaniso. Sidanile kunene ukuba ibe ngu Mr. INNES no Mr. SAUER no Mr. MERRIMAN abandulula e Qonce ingxushungxushu yo Nobhala, elixa indawo ezibe zipantsi kwalenkatazo cibe ziba kuzakukululwa zona namhla kusondezwe abahlolo babantsundu nje em'busweni.

Elinye ituba elibandzelwa ngalo i Qonce kukuba kusitiwa amawetu anabo o Nobhala njengase Ngqushwa nase Herschel ngokukodwa ase Ngqushwa—aneliseke kunene ngabo. Lonto

Umzi no Kobhala.

INTLANGANISO PANTSI-KWA-MAHLATI.

Ibe nkulu intlanganiso ebimanyelwe e Pirie ngolwesi-Ne wegqitileyo. Imizi ibikolisile ngokuba nabanzamehlo ayo. Owakwa Ndlambe obuqala ukusabela imbizo zoluhlobo unqandwe ngoyinkosi yawo Egqubeni apa e Qonce, waye ube usuke kanobom. Uqutyiwe umsebenzi oqale emini. Kwisihlalo sokupata intlanganiso kubekwe u Mr. Wm. Cebani Mtoba wase Rode. Umhlaleni-intlanganiso uyixelile into ekungayo Ukumiswa kwakona ko Nobhala e Qonce, nokukangela into ezingabekwa pambi ko Mpatiswa-Bantsundu ngedinga awubeko ngalo umzi omele eli lokuba iyakubehla ahambele lemimandla.

UMHLALI-PAMBILI ete kwasu ute o Nobhala bayabazi ekupeleni kwemfazwe le yokugqibela. Bangawakumbula amagama abo o Dorrington, Stulo, Stevenson no Cabhela. Uhluto lwempu nezinye izinto zilha kwixesha labo. Balapa namhla ukukangela into emayenziwe njengokuba kutetwa ngokuba bavuswe. Intlanganiso mayixoxele ukugqiba kumiswe intloko. Umsebenzi wo Nobhala vena uyawazi. Bayinkatazo enkulu. Ngexesha labo kwakuko umsebenzi enzima—ushiso, ubhalo-nkomo. Hile akwaya kuxela lithyala. Inkomo ifikile mayiyokuxelwa msinya, ezifumanele ukuba iko lithyala. Unenkomo waposisa emananini lithyala. Bahamba notshiso oluyinkatazo. O Nobhala banengxabano. Yena waba namatyala amatandatu ngenkato yo Nobhala; akuko nkatazo ingangeyabo. Ngomnye umhla wabuzwa ipasi csekaya ngu Nobhala, ate yena ngamapolisa anokubuya. Ukutsho ke kubonakala benze ilizwi malungana nalento yo Nobhala. Yolandela engokuza ko Mpatiswa-Bantsundu.

U MR. G. SIKUNDLA, ute ababazi bona kwelabo icala kwa Qoboqobo. Ababhali nkomo yinina? Abagcini busela ukuba bungabiko na ?

UMHLALI-PAMBILI upendule wati, babhala ixabiso lenkomo. Inkomo oizuzileyo nokufelwa yinkomo; banika izicapakiso. Malungana nokugeinwa kwento ezibiweyo, lonto iyenziwa ngomteto okoyo kuba kungeko nkomo enokungena emizini yabo ingenanewadi yayo kakuhle.

U MR. S. SITELA ute abagcini busela, kunokutiwa babanga ubusela. Besebenza ngobuntamamni pakati komzi.

U MR. NZELANI NGALWANA, ubuze ukuba ivive ngobanina lento ukuba izta kwezuya ? U MR. TENGO-JABAVU ute, ifunyanwa kwingxelo yentlanganiso yamafama ase Mtonjeni. Ixego u Mr. Innes eliligosa elikulu kwi olisi epete imicimbi ya Bantsundu litumele isaziso kwelo Bantla ukuba lento izakuhanjiswa.

U MR. SIKUNDLA, uvakalise ukungayiqondi lento ukuba into eza kubo iyekuquma kumafama.

U MR. SITELA ute, bona bebepetwe ngu Stevenson. Unobhala ubefike angenise izipitipiti kubantu bomzi umnye; kubo waka wafika ku Magcakeni wajoka ngokuti makohlanguyane abantu, ezilandulele yena ngokuti akasibonda, uyokile yena ku Magcakeni, abone ngemini elandelayo selikelwa lipekepeke lesamani, kuba engayenzanga imbizo. Zezentloni ezi mantyi zininzi ? Bahakutina ukubizwa ngu Dick namhla, ze ngoma belizwe ngu Nobhala, bangaba ngabantu abayakutina ukuyihambisa imisebenzi yabo. Abangabonze inkosi ezimbini. Lento iyakutizelisa ayibonakali.

UMR. MNYANDA ute, nyavuyi ukuba kubo abangazanga bababona onobhala. Yena uyabazi. Ngexesha labo ubungenako nokuxela into yako ungamazisanga u Nobhala. Ezi Inspectors zimbi ; yinkatazo amagunya azo, ade aqita nakwaka Rulumeni ngokwake. Yinto etwele ilunda. Itikile abasokukufumana ukupumla.

U MR. TONGA ute, ingcapukiso enjengeyabo ayiko. Akazi ukuba lento ivuswa yintonina, konakele ntonina. Nendlela yesela—amasela eza ngeneswadi. Yinkatazo lento yenziwa ngalamafama. Ibfanalele ukuba icaswe ngapandle kwamatanda.

U MR. J. MFAZI ute, kubo wafika wamisa nemida pakati kwabantu bomzi umnye, awaka wahlawiswa £5 ngenkomo zake" ngokuba kwicala lendlela ayenze umda yena Nobhala yedwa; utsho wati lisela u Nobhala—ubhala inkomo zabantu ngegama lake.

U MR. AYTON KIVIT, ubuze ukuba ezabe Lungu ziyatshiswa nazona? (Intlanganiso : Hayi).

U MR. NGUZA ute, yena mntu untlokwana incinane selanalele ukuba intlalo iyakuba yembi. Intloko encinane iyanela nokuba zinduna zintlanu ekubeni enkulu inokuzitwala nezingapezu koko (kwahlekwa). Abelungu bafuna ngeziintlo iqinga lobusela; amadoda sebonisile ukuba abakulifumana. Mabaqoshelise entweni.

UMHLALI-PAMBILI ute, ziyabola izikumba kwakubako o Nobhala kuba engoko umntu akuya kusitengisa. Akuko masela atintelwayo. Bahleli kakulu kalomcimbi mabagqibe ngevoti.

U MR. MANGANYA ute, ukuba kutiwa singamasela makutshiswe ezabelungu ukuze ziqondwe xa zipakati kwezabo. U MR. MAGABELA ute, lento ngeyinga tatanga xesha lide. Lento iceliwe zintshaba zomntu omnyama, kwaye kuya kumiswa abantu ezingangena ngabo intshaba. Abangeyamkeli bona. Ute, belapo nje bangabavoti abangenakupatwa ngokwahlukileyo kwabamhlope. Azingetshiswe ezabo, zingatshiswa ezabamhlope.

U MR. SIKUNDLA ute ukuba u Rulumeni uzama ukupelisa ubusela siyavisisana naye kulonto, kodwa akusakunceda luto ukubabeka enkatazweni engasakuvelisisa luto.

U MR. T. MABHENGIZA ute nguye owaye buze ngokutshiswa kwezabelungu kwintlanganiso eyayise Peelton, mhla ku Cabhela waba uyibhenqe ngasesisileni inkulu.

U MR. N. KWANKWA ubuze ukuba bevuswa nje kukuba kufunyenwe amaqela enkomo ezibiweyo pi? (Kutiwe akwaziwa). Ute kukuba engayamkeli lento ebuza njenje.

Kuqosheliswa kwelokuba umpunga wentlanganiso utunyelwe ngu Mhlali ngapambili no Mbhai kwi Ruluneli ukuba kuvakaliswe ukungayitandi komzi lento, waye ucela ukuba iroxiswe. Amadoda apakamiswe izandla abe 84, akwabiko ukolunye uluvo.

UKUZA KOMPATISWA.

Ingxoxo engenteto engabhekiswa ku

Mpatiswa, itabate ixesha elide kunene , Yayeshushu pezu kwenteto eti makuyalezwe imfundo yonyanzelo ukuba iyafuneka, ingeniswa ngu Mhlali-pambili, oxhaswe ngokubukali ngo Messrs. W. Ntsikana, J. J. Adams. (Tshabo), T. Mabhengeza, Nopondo, Mnyanda, Vantyi, Mbewana, Purata, nabanye, baye o Messrs. Ngalwana, Nguza, Mpondo beyaleza ukuba kungatetwa yonyanzelo. Ide ngecebo lika Mr. Tengo-Jabavu yafumana yayekwa kwelokuba ibnye umva iyokuxoxwa intlanganiso ezisemakaya, ezinjengeyase Kubusi ukuze kubuyee kubizwe intlanganiso yokuliqukuma elicebo nganeno kwetuba lokuzi ko Mpatiswa ongekalmisi ixesha ayaknza ngalo.

Ezinye indawo ezibe zitiwe capa zingentlobo zediphi ebingeniswe ngu Mr. Nguza : ukonakala kwentsapo ebuntwini ngenxenoku tshitshiswa kwamacebo okuyigeina ngamasiko etu ebingeniswe ngu Mr. Sitele; namahlali ngu Mr. Vantyi. Ezindawo zonke siyakulinda eyokuqoshelisa amacebo.

Kwakubon' ukuba uluvo lwentlanganiso lutunyelwe e Kapa ngolwesi-Hlanu ngocingo kubuye lempendulo.

Ivela Kobambele Inkulu-Mbuso; Iva ku William Cebani Mtoba, Umhlali-pambili wentlanganiso yabantsundu, Kingwilliamstown; — Ndiyamkelo inewadi vooingo ngomcimbi wo Nobhala ezi Lokeshoni. Ibandla elimisa-imiteto ukuvumela kuzi into yokmniwa ko Nobhala lalinomnqweno'ukub Umnto ubemnye kwindawo zonke, waye kwezinye indawo uquba ngok wanelisayo, ongati ukuba uhanjise kwakuhle e Qonce ubeluncedo olukulu ngendlela yokukusela abantsundu abatabele umteto nabanye. Yinto elus'zi ukuba lengxokozelo ivuswe kumandla wase Qonce icasa umteto wobopolisa ngapambi kokuba ulingwe, kwaye kugabalulwa nasiroro angati akatigele sona u Rulumeni.

Impendulo utunyelwe kolucingo yile:—

Ivela ku Mtoba, Umhlali-pambili we ntlanganiso yabantsundu; Iya kwi Nkulu-mbuso" Luyabuleleka ucingo. Ukupendula: Onobhala abazanga bati bayaneliswa ngabo abantsundu. Seke sanamwa alomteto ngapambi kokoroxiswa lualuloka Sir Thomas Scanlen ngo 1882, ngoko abantsundu bateta ngabakwaziyo. Imo ye Qonce yahlukile kwezinye indawo. Sinemantyi ezizipe ngokubalulekileyo apa e Xesi nakwa Qoboqobo. Siqokela isicelo so M'bhali wetu sokuba sivulelwe ituba lokwenza inteto ngapambi kokuyitwya komteto.

i Asiwachasile amapolisa. Lomteto ubhushulisa abantu abalulamelo umteto.

i Umntandazo utunyelwe ngeposi." i Umntandazo kwi Ruluneli ufakwe eposini ngolwesi-Hlanu, waye uquba umpunga wentlanganiso. Okwanamhla asina situ ba sawo ngeyutu inteto.

ABALIMI NA BARWEBI

Ixabiso loboya kutiwa kumzuzu lagqitilwa lihle kanganokokuba lihlile njoku. ! Imbangi kutiwa kukufika kwento enintshi yoboya baze Australia, kwa ne rafu entsha e United States. Irente yemali pesheya nayo inyukile.

Amanani okudla afune ukuti ehle ngeveki ongapava e Johannesburg, yaye lonto ibangwa kukuhla kwamanani e Transport; Umgubo uhamba kwi 35s ne 40s ngengxo. wa ; ingqolowa kwi 25s ne 27s 6. umbona uhle wada wakwi 24s ne 25s.

IMARIKE.

E QONCE, (Nov. 15.)

Amaqanda—6d to 9l ngedazini Irasi eluhlaza—1/ to 1/9 ngekulu lhabile—1/6 to 4/6 „
 Itapile—11/ to 13/ „ „
 Umbona—3/4 to 3/5 „ „
 Imbotyi—10/ to 10/9 „ „
 Inkuku—1/5 to 1/8 inye Inkuni—2,6 to 41/ ngeflara

Inkuni—22/ to 41/ ngeflara Amaqanda—1/1 to 1/4 ngedazini Irasi eluhlaza—2/7 „ „
 Itapile—11/ to 19/ ngekulu Amatanga—2/6 ngedazini

E RINI (Nov. 15.)

Irasi eluhlaza—4d to 9d ngedazini Amaqanda—9d to 1/2 „ „
 Amatanga—2/ to 3/9 „ „
 Irasi ezinkozo—6/9 to 7/6 ngekulu Isemile—
 4/6 to 5/ ngenxhova Imbotyi—7/3 to 10/6
 ngekulu Umgubo wombona—6/9 to 7/9
 „ Inkuni—5/ to 23,6 ngeflara lhabile—2/3 to
 4/1 ngekulu Umgubo—17/6 to 19/
 „ Umbona—3/6 to 4/1 „ „
 Itapile—17/6 to 27/9 „ „ Ingholowa—15/ to
 16/3 „ „ Amazimba—4/ to 4/3 „ „
 Inkuku—1/3 to 1/11 inye “——

E MONTI (Nov. 15.)

 Indodana emhlope engu Sidney Day yase
 Liverpool, ite yakufelwa yinjana
 ebiyitandasukayazibulalangenxa yosizi.

EZIVELA PESHEYA KOLWANDLE NGOCINGO.—
 Kufike ngolwesi-Ne lwegqitileyo ucingo nendaba
 zokutshonakwenqanawa yemfazwe yelama Ngesi
 kwincakam ye Spain ngase nshonalanga, inabantu
 ababalingani likulu linamanci asixenxe anesitandatu,
 ekutiwa bale bonke ngapandle kwabantu abatatu,
 abasinde ngokudada. Besekufunyenwe izidumbu
 ezi 46.

HERSCHEL.—Um'bhaleli ose Bamboo- ! spruit
 ui alise ngemvula ezimnandi eziwe kwelo. Abantu
 baxakeke bonke ngumsebenzi wokulima.—
 Inlanganiso yokuhanjiswa kwe Lizwi ebiko ngo 26
 Oct., ihambiseke kammandi kanye ngecala lase
 minikelweni, efike kwi £15, ate wavalalisa
 ukwaneliswa kwake umfundisi u ! Rev. G. Weaver
 esiti sekuyiminyaka emitatu nemine waggibelayo
 lomzi ukurola kangaka.—Kwanenguquko yabantu
 inku- iu.—Isikolo semini siquba kakuhle intsapo
 iku 67, yaye ekolise ngokuza iku 56. Ufanelwe
 kukankanywa u Mr. Isaac Tshwete mayelana
 nalomsebenzi mhle kulendawo.

Ibala Labadlali

Oko beke kwavakala ukuba u Mr. P. M. Bowden, i wicket keeper eyayibalulekile ye English Team ka Major Wharton, ubuhhile, nya kuvuviswa umhlambi kukuba ukuba incwadi efike ivela ku Hon. C. Coventry uti akunyamiso ukuba mhhuhile u Mr. Bowden.

U T. M. M. (Grahamstown) unendawo angazivisisiyo mayelana nemidlalo emikulu emiselwe ukufa kwenyanga ezayo ookutwasa kwelandelayo yona. Uti:— Ndifuna ukuba kulo mnyadala webhola ukuba kungani i Romani eli Jisale ukuba asiliboni emapeeni ako, nokuba ndenziwa kukoyika sinina lona, nokuba lishiywa ngabamemi sinina? Ukuba lisele ngokwalo kulo mnyadala, ndingati mna ligwala, kuba ngeke leva kona. Indoda asinto yoyikayo. Ukuba lishiywe ngabamemi boni le kuba intliziyo ye Romani isebuhlungu ngomyadala ska 1886, owawuse Qonce. Ndikolwa ukubalo kulonyaka belinga lingavushiya umnyadala kwenye i club. Nokuba belideliwe ngslingashiywanga I nglitunyelwe isicelo laza alavuma ngokwalo, ukuze sibe nokuti i Romani loyikile. 2. Ndifuna ukuba ukuba yintonjina lento i Uitenhage ikupa i club -ezimbini, nokuba iseyinteto kodwa na kanti ezinye indawo azivunywa nje? Mandipele ndicela ezinye izimvo ikulento.

Ngolwesi-Tatu 5 Nov., kwakudibene i “ Pirates ” C.C. (i club epambili kwezabamhlope apa e Qonce) ne “ Native ” Tournament XI. Kvaqalwa ngo 12 nokubi ni N. T. XI. I wickets zokucala zabamba kakuhle, amanani abamba ngoluhlobo: 1 for 33, 8 for 103, yahlanganisa 112. Zangena i Pirates, kubehle kwakubi emzini wama Yerebe, 1 for 6, 2 for 10, 5 for 43. Laqala apo i boli le fielding u Simpson owenze 39 uveke katatu engekuzi nto kuvuyi no Gerardi le 24 yake uyifumene emveni kokusindiswa. Ukuba le team iya emnyadaleni ne fielding enje, mayiqiniseke ukuba iyakunyhadwa kakade. Sicinga ukuba ne bowling ifumane yamana ukovuywa ngapandle kwe mfanekelo.

Liselinzi ixesha lokuba esisipako silungiswe yile team. Sivakolwa kangako ziseko i match ezisaya kudlalwa pambi kokuba kuyiwe e Bhai ezomana izimelele koda. Esi sona soku fildisha ngenxa yaso sodwa kungalunga nokuba le team imana ukudlala ne Scratch matches ukuze iqelane nokunganda ibhola nokubaleka pakati kwe wickets. I skora: “ Native C. C. Tournament Team ”: Genge c and b Burnard 16, Bali b do 15, Fisher c Grinsell b Burnard 0, Ngeumbe b do 11, Sidaiya b Sutton 15, Seti b W. Simpson 26, Bopi c and b W. Simpson 1, Xiniwe b Simpson 13, T. Zondani b do 0, N. Zondani not out 4, Mantsavi b Simpson 0, Extras 8, Total, 112. “ Pirates C. C. ”: Burnard c Sidaiya b T. Zondani 4, Sutton b do 4, Burns b Bopi 1, T. Simpson b Zondani 10, Grinsell c Bali b Zondani 4, Gerardi b Genge 24, W. Simpson not out 39, Rushton b Bali 7, Fox c Zondani b Ngeumbe 0, Brady c Zondani 4, Crozier b Bali 4, Extra 14, Total 115.

Ngamangeno esibini lapela ixesha kunye nokupela kwe N. C. T. XI yenze 53, yaba iyatinjwa impi yomnyadala 3 runs ikumangeno okuqala.

Kum’bhaleli wase Tinara, sibona ukuba i Tinara ne Rini ikamaleke ukudlala i Tennis e Bhai kwange holiday ezo, nokuba kunqweneleka ukuba nezinye indawo zitumele abadlali ngati inokupu lupuleka lendawo ivela kwabase Bhai.

Abadlali be cricket abamhlope bavumelane ukuba ne tournament e Qonce nge bolide ze Kresmesi.

ETHIOPIAN C.C. vs. WIDE AWAKE C.C. — Nge 8 November odluleyo kwaqnbisana ezi club zingentla emhlabeni we Tiyopiya. Yatiyiwa i wedding cake nge 22 runs.—*Ethiopian C.C.*, J Mpinganda b M Konza 4, J Katyana run out 0, - Rev. Gawler b Konza 20, D Kadi c Nquka b Konza 21, K Tshona b Kinana 16, S Lwana b Konza 5, Andrew Ross b do 0, W Tywayi b Kinana 0, S Maqanda b do 0, A Mazantsana not out 2, R Christian b Konza 0, Extras 11, Total 79.—*Wide Awake C.C.*, M Konza b Christian 0, E Dassa b do 3, C Nquka c Ross b do 1, M Yobo c Kadi b Tywayi 0, C M Habana b Christian 16, T Senga b do 13, Z Vazie not out 5, A Vayyboom c Ross b Christ aan 0, J Venn c Gawler b do 2, W Kinana st Lwana b do 0, T Magada b do 0, Extras 7, Total 47.

OFIKE KWIKULU LEMINYAKA.—U Mr. Jacobus Potgieter lixege lase Modder-fontein ngase Philipstown, elazalwa ngo December 1, 1781, kumandla waseTinara; ngokoke iminyaka ilikulu linaminyaka mibini. Unyana walo omkulu uminyaka 88 ngoku ; omnci 48. Akuxelwa buntantsantsa banto ngetuba lobobudala bayo indoda leyo.

Native Opinion,

THURSDAY, NOVEMBER 20. 1890

The proposal to appoint Location inspectors. Inspectors in the King-willamstown division, and generally enforce vigorously Act No. 37 of 1884 entitled, the Native Locations Act, has claimed special attention from the country during the past week. This has been occasioned by the agitation raised against it by the natives—some think by NATIVE OPINION, as for example the two leading Port Elizabeth newspapers ; but in such matters this journal never pretends to do more than portray the feelings of the people

IMVO ZABANTSUNDU (NATIVE OPINION).

in respect of a particular act of the Government, with a view to enable it to meet it in the best way they can. It is the only way—Government being out of touch with Native feeling—of enabling the authorities to arrive at the wishes and feelings of these people; and who would deny that the successful and satisfactory Government of a people depends upon such knowledge of their feelings and wants?

During the past week the matter at issue has been placed before the public in a manageable form. The views of those who favour the enforcement of the Act among the large Native population of Kingwilliamstown, have found expression in the *Eastern Proc Ince Herald* (Port Elizabeth), and the *Port Elizabeth Telegraph*, not to particularise the minor organs in the country; and as their opinions are, in the main, of the same tenor, it will be convenient for purposes of argument to deal with the article in the *E. P. Herald* which appears to us to be the more exhaustive of the two, on the axiom that the greater includes the less. Then, again, there is the Government view, as given in the telegram of the Acting-Premier, presumably Mr. SAUER, in reply to a message from the Native Conference held at Pirie. The Government view may be dealt with in a word or two. It assumes that the system works well elsewhere because there has been no agitation against it. This is surely setting a premium on agitation ; and no doubt the Natives will take the hint. But whenever opportunities presented themselves to our people to speak they have invariably mentioned the hardships needlessly imposed on them by this particular measure; and the present Attorney-General would bear us out when we say that at meetings he had with the Victoria East and Peddie Natives during the time he sat in Parliament for that constituency, no opportunity was lost to represent the grievance of the Natives on the score of these appointments. Turning up the files of NATIVE OPINION we find that at Mr. INNES’ meeting with the Peddie Natives on April 3, 1886, one of the leading Native Chiefs, an old man JOHN MAXWAYANA NJOKWENI said, “ that their disarmament and “the Location Inspectors were “ an intimation to them that Government was driving them away. “He challenged any man there to “ stand up and show wherein the “ utility of the Inspectors consisted. “ They do no good, they have come “ to oppress them. When a cow “ calves you have to carry the calf “ to the Inspectors the same day “ for .Registration, for failing that “you will ‘be eaten up.’ They “ are as bad as brandy. Send them “away. It is a light thing for “ them to strike a baldheaded man. “ Let them go.” We confess we are not aware that Mr. INNES informed the people of his own faith in the measure then. The Government says it is a measure of protection. But the natives in the petition to the Governor published elsewhere in these columns show that, if anything, the protection is infinitesimal, while the harrying of the people seems to be the sole and only object of the measure. Lastly, the Acting Premier regrets that “ this agitation “ has been raised in the King- “williamstown district against “ measures of police before any “ trial has been made of them, and “ without any definite grievance “ which could call for redress.” From this it is evident the Government has forgotten that the measure was tried in Kingwilliamstown, and on being found wanting, on the people’s own showing it was withdrawn by the good Government of Sir THOMAS SCANLEN’S. It should be borne in mind, moreover, that the Natives, do not object to measures of police, as such. What they naturally cannot relish is the abominable system of *espionage* practised under cover of measures of police. If the Government are sincere in the inferential promise

of the measure, will they now have the courage to show it seeing that the natives here do speak from a knowledge of the previous trial of the measure among them. They can do so by honestly dealing with the definite complaints set forth in the petition of the Natives to His Excellency the Governor. Otherwise the implied promise will be regarded by the people as only a convenient subterfuge for refusing to withdraw from a false position once assumed. Such an attitude hardly consorts with the dignity of a Government conscious of its power.

COMING now to the newspaper. It is a pity that, while the Inspectors. *Herald* prefaces its article with a generous acknowledgement of our friendly disposition towards Mr. FAURE hitherto, it should fail to appreciate the gravity of the circumstances which must have compelled us with pain to take up our present stand towards the Government in this matter. As there are two sides to almost every question, our contemporary might well have paused to to learn the Native view of the matter, before proceeding to charge NATIVE OPINION as the mouthpiece of lawless and dishonest Natives, and to extol measures of police supervision concerning which there exists no differences between its views and those held by ourselves. The *Herald’s* imaginary Location Inspectors,

Who, AS a rule, are men of judgment and tact, who understand the Natives, and who do their work without creating ill-feeling do not correspond in any way with those whom the Natives dread. They are thus illustrated from those which the *E. P. Herald* writer knows at Port Elisabeth :

The Natives at Port Elizabeth do not object to the inspectors, with the exception of course of those natives who indulge in lawless habits. The law-abiding and better class native in fact welcomes the inspector, for his visits are a protection to the native himself against the more unruly occupants of the location. The people of London do not object to the presence of the policeman. The pickpockets naturally object, but *Imvo* would hardly, we presume, recommend a system of legislation specially devised to meet the wishes of the pickpocket. In the location, no doubt?, the drunken, thieving, native objects to be inspected, and the cattle thief in hiding would be equally well satisfied with the absence of an inspector while the professional loafer would also prefer to be undisturbed. To the rest we should imagine the inspector would prove a boon, a strong friend to the law abiding, and a bitter enemy to the lawless.

Against such officers we take the opportunity to say Natives have no objection. Indeed, we are not aware that any complaint has been preferred by the Kingwilliamstown Natives against the officers held by Mr. R, J. DICK, Mr. J. G. FERITY and Mr. C. A. KING in this division ; and they answer exactly to the description of the officers ‘he *Herald* would like to see appointed among the Natives in these parts. But when our contemporary ventures beyond what it actually knows it falls into grievous errors. For example we are told “ These “ Inspectors exist elsewhere and we “ do not find that their presence “ acts as an irritant upon the “Native mind.” The mistake into which our critic has fallen is the common one of taking as gospel truth the opinions of the Inspectors themselves about themselves, or those of their friends. These opinions, based as they are upon two hundred and fifty solid gold reasons per annum, as to the satisfactory and non-irritating effect of the system, are diametrically against the views of the Natives. We contend the Native view of the matter has never been consulted, and nobody seems to care to consult it ; and yet it would very much assist the smooth course of Government if this essential factor—the native view of matters—were not eliminated in solving the Native problem.

But in the present case we grieve to say Mr. FAURE has positively refused even to hear what the natives had to say; and thus sat upon the safety-valve. Such treatment has never been extended to a red-handed criminal in the dock ; and we scarcely expected it from, of all others, the present Ministry.

